

BAXELELE NDIYABATHANDA

Yamkela Isityhilelo
ngoThando lukaThixo Ngawe



JOYCE MEYER

#1 UMBHALI WEENCWADI EZITHENGISEKA KAKHULU
KWINEW YORK TIMES

Unless otherwise indicated, all Scripture quotations are taken from THE AMPLIFIED BIBLE: Old Testament. Copyright © 1962, 1964 by Zondervan Publishing House (used by permission); THE KING JAMES VERSION; and from THE AMPLIFIED NEW TESTAMENT Copyright © 1958 by the Lockman Foundation (used by permission).

Copyright © 2014 by Joyce Meyer Ministries – South Africa

All rights reserved. No part of this publication may be reproduced, distributed, or transmitted in any form or by any means, or stored in a database or retrieval system, without the prior written permission of Joyce Meyer Ministries – South Africa.

Joyce Meyer Ministries – South Africa
PO Box 5, Cape Town, 8000

Phone: +27 (0) 21 701 1056
Website: www.joycemeyer.org

Go to tv.joycemeyer.org to watch Joyce's messages in a variety of languages

Tell Them I Love Them – Xhosa
Not For Resale

ISIQULATHO



<i>Intshayelelo</i>	4
1. UThixo Uyakuthanda!	6
2. Ngaba Ndilunge Ngokwaneleyo?	11
3. Uthando Bubudlelwane	17
4. Uthando, Ukuthembela Nokholo	22
5. Inkululeko Yokungabi Noloyiko	27
6. Uthando Luyafikelela	32
7. Uthando Lukathixo Luya Kukuguqula	36
Fumana Ubomi Obutsha	39
Umthandazo Wosindiso	41
Malunga Nombhali	42

INTSHAYELELO



Ndikholelwa ekubeni eyona nto edingwa ngabantu kakhulu sisityhilelo somntu ngamnye ngoThando uThixo analo ngaye phakathi kwabantu ngabanye. Yile ngqiqo enika isiseko sobudlelwane obushushu, boqobo lomntu naYe, siseko eso siyintsika yoloyiso lwenene kubomi bobuKrestu. Asidingi “lwazi olusebuchotsheni” malunga nothando lukaThixo; sidinga isityhilelo esisezintliziyweni zethu ngoThando lwaKhe. NguMoya Oyingcwele yedwa onokusinika sona, kwaye uya kwenza njalo xa sicamngca ngothando lukaThixo, silubona uthando lukaThixo ebomini bethu, size sifune eso sityhilelo eLizwini likaThixo elibhaliweyo nangomthandazo.

Kuba lula noko ukwamkela ukuba uThixo ulithanda ngokwaneleyo lonke ihlabathi kangangokuba ade athumele uYesu ukuba afele izono zakhe wonke ubani.

Kodwa akululanga ukukholwa ukuba uThixo ukuthanda kangangokuba ade athumele uYesu ukuba akufele wena wedwa ngokungathi ubungumntu onguye kuphela ehlabathini.

Emva kweminyaka emininzi yokuba ngumKrestu ongonwabanga, ekugqibeleni ndifumene isityhilelo sothando lukaThixo ngam. UThixo, ngoMoya Oyingcwele, ulutyhile ngesisa kum, kanye-kanye kolona qobo lwam. Eso sityhilelo sisodwa siguqule bonke ubomi bam buphelele kunye nobudlelwane bam naYe.

Umthandazo wam ngowokuba, mawuthi xa ufunda le ncwadi, ufumane isityhilelo ngothando lukaThixo ngawe uqobo lwakho. Ndiyakukhuthaza ukuba uyifunde ungangxamanga,

uyisebenzise njengesikhokelo sokufunda banzi ngothando lukaThixo eBhayibhileni, nokucinga nzulu ngezibhalo nangezimvo oza kuzifumana kumaphepha alandelayo.

UThixo ukuthanda kangangoko! Ngokunjalo Ufuna ukuba ulwazi kwaye ulufumane uthando lwaKhe yonke imihla, njengoko wenza njalo ngam. Ngoku ke ndinikela le ncwadi kuwe ngokuzithoba, ndisazi ukuba ngaphandle kukaThixo andiyonto, ngokunjalo nokuba sesiphi isityhilelo nengqiqo endinayo ngeLizwi laKhe ikhona ngenxa yobabalo lwaKhe.

1



UTHIXO UYAKUTHANDA!

“Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama uNyana wakhe okuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali koko babe nobomi obungunaphakade.”

- UYOHANE 3:16

UTHixo ufuna sibe lusapho lwakhe, kwaye Ufuna ukuba nguTata wethu. Sidalelwe ukuba nobudlelwane naYe sibe ngoonyana neentombi zaKhe, siphile ubomi bendyebo uYesu awafela ukusinika bona. Oku kuthetha ukuba Ufuna sixhomekeke kuYe, sayame ngaYe, siMvumele ukuba Asithande. Ufuna ukuba sithembele kuYe sifikelele kuYe neziDingo zethu. Ufuna ukuba nobudlelwane nomntu ngamnye kuthi.

Uninzi lwethu lucinga ngeLizwi elikuYohane 3:16 ngendlela ebanzi kakhulu. “Ewe, phofu ndiyazi ukuba uYesu wafela ihlabathi,” nokuba sitsho, kodwa “ihlabathi” aliyonto engacacanga enabantu abaninzi abafelwa nguYesu. Wafela thina ngabanye. Wafela wena kanye!

Inyaniso yile, ukuba ibinguwe wedwa umntu kulo mhlaba, uYesu wayeza kukufela nokuba uwedwa. Wayeza kubuva bonke ubunzima Adlula kubo ngenxa yakho. UThixo ukuthanda kangangoko, kwaye uthando lwaKhe lungunaphakade (jonga uYeremiya 31:3).

Ngenye imini ndathi ndisaqhuba, uThixo wathetha nentliziyo yam wathi, “Joyce, uluKhozo lweLiso laM (IApile leLiso laM).” Umtyholi wakhawuleza kwangoko wathi, “Asizozinto zokuziphakamisa ke ezo? Ucinga ukuba ungubani na wena?” Oko kwandenza ndabona ukuba andifanelanga kucinga njalo.

Ngokufumanisa ukuba sixabiseke ngokukodwa, nokuba sineziphiwo, iitalente, nezakhono, kodwa oko kuphikisane nendlela yokucinga esidalwe ngayo. Inyaniso yona kukuba sahlukile ngabanye ngabanye, sidalwe ngendlela engafaniyo nguTata wethu. UThixo uyayithanda iyantlukwano, yiloo nto Akudale awafana nomnye umntu, oko kuthetha ukuba Akafuni ukuba uzithelekise nabanye abantu nokuba uzame ukubalinganisa ukuze ube njengabo. Ukuxabise ngohlobo olulodwa unjengokuba Wayekudalile!

Ndithe ndisacinga ngento ethethwe nguThixo entliziyweni yam, ndaba nomfanekiso-ngqondweni wenenekazi limi kubhazabhaza wevenkile ngakwimfumba yama-apile. Liwajongisisile laza lagqibela ngokolula ingalo ukuze likhethe elinye lawo ebelibonakala liwagqwesa onke amanye. Xa ndanditolika lo myalezo kaThixo ndawubona undixelela ukuba ndilelona “apile” lihle kuYe. Ndingowohlobo olulodwa kuYe. Ndiyazi ukuba ayivakali kakuhle loo nto, kodwa uyazi, uThixo ubona elowo nalowo kuthi ngaloo ndlela. Akathethi ukuba wena uxabiseke ngaphezu kwabanye abantu, engatsho nokuthi abanye abantu abalunganga. Uthi sonke sixabisekile kuYe. UThixo ukuthetha oku eLizwini laKhe, kanti iLizwi lakhe lelethu sonke. UluKhozo lweLiso likaThixo (Iapile leLiso likaThixo).

Ngelo xesha, andizange ndiyithathele phezulu into awayezama ukundixelela yona uThixo kuba yayivakala ingalunganga into yokuzicingela bhetele kangako. Kodwa phantse kwiintsuku ezimbini emva koko, ndivule iBhayibhile yam kwiNdumiso 17:8, nantso ke ivesi ithe ntsho-o ebusweni bam: “Ndigcine njengeliso, njengokhozo lwalo, ndisithelise ngesithunzi samaphiko aKho.”

Ndathi, “Wowu, ngenene yayinguThixo lowo. NdiluKhozo lweliso likaThixo.” Oko kwandenza ndaziva ndixabisekile ngalo lonke ixesha ndicinga ngeli Lizwi. Uyazi ukuba kuThixo ubaluleke kangakanani kwaye Ufuna uzive ungowohlobo olulodwa, unexabiso, ubalulekile kwaye uthandwa?

Ezintliziyweni zabo abantu balangazelela ukuthandwa. UThixo usidale ngolo hlobo. Abantu abaninzi bakholelwa ekubeni uThixo uthanda ihlabathi nokuba uthanda uYesu, kodwa kunzima kubo ukukholwa ukuba uThixo uthanda umntu ngamnye. Kodwa iLizwi lifundisa ukuba uThixo usithanda kangangokuba Ethanda uYesu. UYohane 3:16 usibonisa oku. Ngokunjalo Ufuna ukuba samkele uthando neeNtsikelelo zaKhe eziphuphumayo ebomini bethu ngayo loo ndlela athanda ngayo nasikelela ngayo uYesu. UYohane 5:20 uthi, “UYise uyamthanda uNyana, Umbonise (Umtyhilele) zonke izinto azenzayo yena; uya kumbonisa nemisebenzi emikhulu kunale, ukuze nina nimangaliswe.”

UThixo uthi apha, “Zonke ezi zinto ndizenza ngoYesu, kunye nezinye izinto ezinkulu ngaphezu kwezi ndizenza ngoYesu, ukuze nimangaliswe” (ndiwutolika ngokwam lo myalezo). UThixo ufuna ukusimangalisa ngokwenza izinto ezintle esiya kuzithanda nesiya kuzonwabela.

Nangona sizifunda izibhalo kodwa siyayiphosa ingqiqo ngezinto afuna ukuzenza uThixo engenzeli thina kuphela, koko ezenza ngokusebenzisa thina. Ufuna sijonge izinto ezinkulu Asenzele zona ngoYesu ukuze sikholwe ukuba Unqwenela ukwenza nezinkulu ngaphezu koko ngokusebenzisa thina. KuYohane 14:12, uYesu uthi “Ukuba umntu ukholelwa kuM ngenene, uya kwenza izinto ezinkulu ngaphezu kwezi, kuba ndiya kuTata.”

UThixo wenzela abantu abaninzi izinto ezintle yonke imihla kuba Ebathanda, kodwa bona abakuboni oko. Umzekelo, khawucinge ngalo mba. Ilanga liphumela mna nawe yonke imihla.

Lintyatyambo zidubula ngokweentlobo ngeentlobo mihla le ukuze sizibuke. Ihlabathi asidalele lona uThixo lihle ngokuncamisayo, kwaye ufuna silonwabele! Incwadi yeGenesis kwisahluko soku-1 ithi uThixo wanika umntu ulawulo wamxelela ukuba asebenzise bonke ubutyebi behlabathi kwinkonzo ayinika Yena Thixo nomntu.

Imvula xa isina ngexesha layo lonyaka, inela nawe. Xa lisiwa ikhephu, liza kuwe. NguThixo olawula ukuhamba kwakho, kwaye Usoloko elibeke kuwe iliso laKhe.

UDuteronomi 7:9 uthi, “Yazi ke ukuba uYehova uThixo wakho nguye uThixo, uThixo wenyaniso, obagcinela umnqophiso nenceba abamthandayo, abayigcinayo imithetho yaKhe, ase ewakeni lesizukulwana.”

Uthando lukaThixo lungunaphakade kwaye alukhethi meko ithile. Abaninzi bethu bacinga ukuba siMdinisile ngeentsilelo nangeemposiso zethu, kodwa asinakukwazi ukwenza oko. Kanti nokuba ungenza ntoni, akunakuze ukwazi ukumnqanda uThixo ekukuthandeni. Uthando asiyonto ayenzayo uThixo; yinto Ayiyo.

Ukuba ucinga ukuba ungumntu obeziphetho kakubi ngokugqithiseleyo kangangokuba uThixo ade angakuthandi, uyaphazama. Akukho mngxuma onzulu kakhulu kuThixo ukuba akanakukwazi ukufikelela ezantsi kuloo mngxuma ukuze akuphakamise akukhuphe kuwo. Unesicwangciso sokukubuyisela kwisimo esifanelekileyo. Akaxoleli izono zakho kuphela xa umcela ngenene ukuba Akuxolele, kodwa uyazilibala kwaye Aziqelelise kuwe zibe kude njengokuqelelana kwempumalanga kwintshonalanga (jonga iNdumiso 103:10-12).

Ungatsho ukuthi, “Ndimamkele uYesu entliziyweni yam, kwaye ndiyaMthanda.” Kodwa mandikubuze ndithi, ukholwa kangakanani ukuba uThixo uyakuthanda?

Uthando lukaThixo olungunaphakade, nolungakhethi meko

lungumyalezo oqondeka lula, kodwa lukwasisiseko esingundoqo sokuba Abe sebomini bakho ukuze ube nengqiqo ngako konke. Ndikholelwa ekubeni oko sisiqalo sako konke ukuphiliswa ebomini bethu.

Akukhathaliseki ukuba yintoni enye oyifundayo kwaye uyifunda nzulu nanzima kangakanani nokuthi uzifuna kangakanani izinto zikaThixo, xa ungakwazi kwamkela inyaniso yokuba Ukuthanda kakhulu engajonganga mbuyiselo, akusayi kuqhubela phambili kakhulu kuhambo lwakho naYe. Ngokholo lwethu kuThixo sifumana uthando, kodwa nokholo lusebenza ngothando (Jonga kumaGalati 5:6). Ngoko ke, ngaphandle kokuba silwamkele uthando lukaThixo, akukho nto yimbi sinokuyifumana.

Uthando lukaThixo ngokunjalo lwenza ukuba siphile ngaphandle koloyiko (jonga eyokuQala kuYohane 4:18), kanti oko kubalulekile ekubeni sibonwabele ubomi bethu kwaye kuzaliseke ikamva lethu esigqalisele kulo. Ngaba uyalwamkela uthando lwaKhe lwasimahla? Aluthengiswa; akunakuluthenga ngokwenza imisebenzi emihle... into onokuyenza inye kukwamkela, wamkele, uphinde wamkele.

2



NGABA NDILUNGE NGOKWANELEYO?

“Ithemba elinjalo alinako ukudanisa okanye ukusikohlisa kwaye alinakusihlazisa, kuba uthando lukaThixo luthululwe ezintliziyweni zethu ngoMoya Oyingcwele esiMnikiweyo. Ngoko besisebuthathaka [singenamandla okuzinceda], ngexesha elifanelekileyo uKrestu wafela abangenabuthixo. Ngoku yinto ephakame kakhulu ukuba umntu anikele ngobomi bakhe nokuba selekwenzela umntu olungileyo oko, mhlawumbi seyingumntu obalulekileyo nokuba ngothandekayo okanye onesandla esiphayo, umntu akanakufane azinikele ukuba afele omnye. Kodwa uThixo ubonisa kwaye ucacisa uthando [lwakhe] ngathi ngenyaniso yokuba ngoko sasisengaboni, uKrestu (uMkhululi, onguMthanjiswa) wasifela.

Ngoko ke, njengoko ngoku sigwetyelwe (sikhululwe, senziwe salunga, saze safakwa kubudlelwane noThixo) ngegazi likaKrestu, kukangakanani (naxa kuqinisekisiwe oko ukusindiswa kwethu nguYe ehlazweni nasemsindweni kaThixo. Kuba xa sithe, besiziintshaba nje, saxolelaniswa noThixo ngako ukufa koNyana waKhe, kukhona, sixolelanisiwe nje siya kusindiswa ngobomi baKhe)[ukuvuka kwaKhe ekufeni].”

- KWABASEROMA 5:5-10

Kulula ukukholelwa ukuba uThixo uyasithanda xa siziphethe kakuhle. Ingxaki malunga noku kukuba abantu abaninzi bagqibela ngokungazithandi, oko kwenze bazive ngathi bona mhlawumbi abathandwa kakhulu nguThixo. Kodwa iBhayibhile ithi, “Uyintoni na umntu lo, le nto umkhumbulelayo?” (Iindumiso 8:4). Sizizidalwa zikaThixo, ngamazwi alula, Uyasithanda kuba Esithanda. Uluthando (jonga kweKaYohane 1 4:16). UThixo usithanda kuba Efuna!

Uyakuthanda, kuba ukuxabise ngohlobo olulodwa. Oko kuthetha ukuba wahlukile kwabanye ufana wedwa. Akufanelanga kufana nam, nam andifanelanga kufana nawe. Akunakuze ubonwabele ubomi bakho xa usoloko uzithelekisa nabanye uzama nokukhuphisana nabo. Into esuka yenzeke kukuba utshaba lufumana ithuba lokukuxelela ukuba “akulunganga ngokwaneleyo”. UYesu “walunga ngokwaneleyo” endaweni yakho. Wazihlawulela izono zakho waza wathatha isohlwayo esasifanele wena.

IBhayibhile ithi ukuba Ukuthande kangako wade wakufela, kukanganani ke ngoko, kokukhona ugwetyelwe ngegazi laKhe, ngaba ukuthanda kangakanani ngoku? (Jonga KwabaseRoma 5:8-9). Ngokuqinisekileyo ukuthanda kangokuba ukuxolela kwiimposiso zakho zemihla ngemihla kwaye ukugcina ucocekile kuko konke ukungalungi.

Nangu umzekelo wendlela endicinga ukuba uThixo uzibona ngayo iimpazamo neemposiso zethu. Cinga ngomntwana omncinane oneminyaka emithathu okanye emine ubudala osoloko ebukele uMama xa esenza imisebenzi yakhe yekhaya. Uthanda uMama kakhulu kangokuba uthatha eyakhe ibhekile enamanzi nelatshana aye esipilini aye kusicoca. Uthatha namaphepha okusisula.

Enyanisweni isipili sigqibela ngokuba nemihlisisela mhlawumbi sirhidwe nangesepha kodwa lo mntwana ebethathe elona laphu lihle likamama wakhe. Kodwa uya kumama wakhe afike axele ngelo lizwana lakhe limnandi athi, “Mama, Mama, ndisicocile isipili!

Ndikuncedisile ndakucuthela umsebenzi. Ndiyakuthanda, Mama!”

Ngothando uMama uphendula athi, “Owu, usebenzile Sana lwam. Enkosi ngokundincedisa.” Uthi akuxakeka kwenye indawo, umama aye kulungisa eso sipili. Ethubeni, ukhuthaza intombazana yakhe ukuba ibokucela uncedo ukuze ifunde ukuzenza kakuhle izinto.

Nakuthi uThixo wenza ngolu hlobo. Kanti uyakwazi ukwenza ukuba zonke izinto zisebenzele okulungileyo kwabo baMthandayo uThixo, kwababiziweyo ngokwengqibo yaKhe (KwabaseRoma 8:28). Okulindelwe nguThixo kuwe kukuba into okwaziyo ukuyenza uyenze ngocoselelo. Uya kukuncedisa ukuba uqhubele phambili xa uqhuba ngokumfuna. Uya kukugququla ukuba ufane naYe ukusuka ebuqaqawulini ukuya ebuqaqawulini. (Jonga KwabaseKorinte II 3:18).

“Kuba lowo uthunywe nguThixo, uthetha amazwi kaThixo [umemezela umyalezo kaThixo], kuba uThixo Akamniki uMoya ngomlinganiselo. UYise uyaMthanda uNyana; uzinikele [uzibeke] zonke izinto esandleni saKhe.” (UYohane 3:34-35).

Ngenye imini ndathi ndisafunda le vesi, ndazibhaqa sendilila ndakufumanisa ukuba uThixo akasilinganiseli xa esinika uMoya waKhe. Akasithi chuku nje ngale Aphinde Asinike omnye ucuntsu waleya. Unesandla esishushu kwaye wenza ngokugqithiseleyo, ngendyebo, ngaphezulu nangaphaya kwemida sokukunika konke okucelileyo, okucingayo okanye okucingelayo! (Jonga kwabase-Efese 3:20).

KwiDuteronomi 7:6-7, uThixo uthi, “Ngokuba ningabantu abangcwele kuYehova uThixo Wenu; Uninyule uYehova uThixo Wenu, ukuba nibe ngabantu abayinqobo kuYe, kunabantu bonke abaphezu komhlaba. Akungabuninzi benu kunezinye izizwe zonke, le nto athene nca nani uYehova, Waninyula; kuba nimbawu kunezinye

izizwe zonke.”

Ziindaba esinokuzivuyela kakhulu ezi. Kaloku uThixo uthi, “Uthando lwaM ndilubeke kuni, kwaye ndinixelele ukuba ningcwele. Ndinixelele ukuba ningabohlobo olulodwa. Ndinikhethile, kungengokuba nilunge ngokwaneleyo nina ngokwenu, kodwa kuba Ndiyanithanda.” Uyayazi into uThixo Afuna ukuba uyenze namhlanje? Ufuna wamkele uthando lwaKhe. Yeka ukuxelela uThixo ngento le yonke engalunganga ngawe; uyalibala ukuba, Akakothuki. Wayazi yonke into ngawe kudala, Wakutsalela kuYe ukuze ube nobudlelwane naYe.

Eyona ngxaki yoninzi lwethu kukuba asizithandi. Ngenxa yoko, asikholelwa ukuba uThixo Uyasithanda, nokuba angakhona omnye umntu osithandayo. Ngoko ke, sicinga ukuba bangasithanda njani? Ndiyile ngxaki ndiyiyo nje? Kanti xa ucinga ukuba ungumntu ongalunganga, kungenzeka ukuba ungasuka uziphathe njengomntu ongalunganga. Enyanisweni, akunakuphucuka ngaphezu kwento othi uyiyo entliziyweni yakho.

Ukungazithandi kwakuyeyona ngxaki yam inkulu kwaye ndichithe elona xesha lam lininzi ndizama ukuzenza into endinqwenela ukuba yiyo. Umzekelo, ndandicinga ukuba ndithetha kakhulu, oko kwakusenza ukuba ndizame ukuthula. Kodwa xa ndithule, ndandiba lusizi ndikhedame, wonke umntu afune ukwazi ukuba kutheni nidthule. Ndandidla ngokuthi, Uthe ndiyaloqa, ngoko ke ndizama ukungathethi kakhulu, yiloo nto ndizama ukuthula. Ndiyeke ke!

Andinakukuxelela ukuba loo nto ndiyenze iminyaka emingaphi kodwa umlomo wam umane ukundishiya kuba ndandizama ngokwam ukuzitshintsha. Kanti usathana wayesoloko elungele ukundixelela indlela endingalunganga ngayo ngalo lonke ixesha kuba yena usoloko efuna ukusenza sibe nesazela kwaye sizenyelise. Ndiyabuqonda ubunzima bokukholelwa ekubeni uThixo

usakuthanda naxa kukho into engalunganga oyenzileyo.

UThixo ufuna ukhululeke ekuzisoleni nasekuzigwebeni, kodwa nalapho udinga ukholo nesibindi sokufumana inkululeko. Ubusazi ukuba akukho mlinganiselo nabunzulu bokuzisola obunokukusindisa xa uphosisile? Mandiphinde ndithi: Kunzima ukukholelwa ekubeni uThixo usakuthanda naxa wenze imposiso.

Ngoku usathana uza kuzama ukukutshutshisa ngeengcinga ngendlela ongalunganga ngayo. “Uyazibona ukuba wonile” uza kutsho. “Ucinga ukuba ungubani? UThixo akasoze akusikelele... ngowungenzanga ngolu hlobo. Ngoku akukho mntu unokumxelela ngoYesu. UThixo akanakukusebenzisa. Futhi akasayi kuyiphendula imithandazo yakho. Akukho nto okhe uyenze kakuhle.”

Kulapho kufuneka ube nokholo kuThixo kwaye ube nesibindi sokuphinda uvuke uthi, “Bawo, ndenze impazamo, ndicela Undixolele. Ndizisola ngokunyanisekileyo ngento endiyenzileyo, ndidinga uxolo lwaKho.” Kanti kukwalungile nokumphendula umtyholi. Mkhumbuze ukuba uYesu wazihlawulela izono zakho kwaye sowuxolelwe ngokunjalo ukhululekile ekuthwaleni ityala ngokwakho nasekuzigwebeni. Amandla kaThixo asebenza ebomini bakho aya kulwakha ukholo lwakho lokuthembela kuThixo. Ngaloo ndlela uya kubonwabela ubomi bakho ube yintsikelelo kwabanye!

Mhlawumbi ucinga ngale ndlela. Kutheni ndimane ukwenza le nto ebubudenge qho? Nam ndancinga njalo ndade ndayeka ukuzigweba ngaloo ndlela. Xa uyeka ukuphila ngokuzisola ngento oyenzileyo engalunganga, oko kuya kukunceda ngokuthi uyeke ukuyenza loo nto.

Ukuzisola nokuzigweba kukucinezela ude udandatheke emphefumleni kangangokuba ungaziva ukhululekile. Uba buthathaka kube lula ukumana usiwela esonweni. Yiloo nto kufuneka ube namandla okwamkela isipho sikaThixo sokuxolelwa nokumelana

nokuzigweba. Kufuneka ukhethe ukuphila ngokukholosa ngeLizwi likaThixo wale ukukhathazwa kukuzisola. Umtyholi yena akazi kuyeka ukuthi “Uthetha ukuba akukhathazeki kwaphela ngale mposiso? Kutheni ngathi akuzisoli, zisole nokuba ziiyure ezimbalwa. Imbi kakhulu into oyenzileyo.” Xa kunjalo inye nje into ofanele ukuyithetha “Hayi andizi kuziduba kwaphela ngayo.” Emva koko thandaza kuThixo ukuba akuncede ngemfesane yakhe ukuba uzikhulule kolo luvo uqhube ngobomi bakho. Xa usaqala ukwenza oku kuba nzima kodwa ethubeni uyaqhela.

KuIsaya 53, sifunda ukuba xa uYesu wayesithwalela izono zethu, Wathwala nokuzisola kwethu (kuqukwa nokuzigweba). Usathana akafuni ukuba ukhululeke ekuzigwebeni). Kutheni? Kungokuba, xa uzigwebile, akukwazi ukwamkela uthando lukaThixo ngenene. Ukuzigweba kukwahlukanisa noThixo kwaye akunakubonwabela ubukhona baKhe. Kaloku uyeka ukubeka amehlo akho kuYe uwabeke kuwe.

Unako ukuphila ngokukhululeka ekuzigwebeni ngokukholelwa ekubeni xa uThixo ebesithi ubabalo lwaKhe lukulingene ukuxolelwa kwazo zonke izono zakho, Wayeqinisile. Uyakuthanda, kwaye ubabalo lwaKhe nokuxolelwa zizipho akunika zona. Zamkele namhlanje!

3



UTHANDO BUBUDLELWANE

“Thina sikwazile (sigondile, siphawule, sihlale sikhumbula, ngokubona nangamava) sakholwa (sanamathela, sabeka ukholo lwethu kulo sathembela ngalo) kukusithanda kukaThixo. UThixo uluthando; lowo uhleli eluthandweni uhleli kuye uThixo, noThixo uhleli kuye.”

- 1 JOHN 4:16

Njengoko sisitsho isibhalo, uThixo uluthando, kwaye Ufuna ukuba siluphawule, sibe namava ngokunjalo silwazi sihlale silukhumbula uthando lwaKhe. Ngoko ke, unghlala ulikhumbula njani uthando lukaThixo? Nokuba angakuthanda kangakanani, xa ungayazi loo nto, alunakukunceda nganto. Cinga ngendlela oziva kamnandi ngayo xa kukho umntu okubonisa uthando olushushu. Xa usazi ukuba uyathandwa, oko kukunika ukuzithemba. UThixo uyakuthanda, kwaye ufuna ukukubonisa olo thando. Umema elowo nalowo kuthi kubudlelwane obunzulu, obamaqabane, nobembilini naYe. Ufuna simmeme kuyo yonke into esiyenzayo. Kanti unqwenela ukuba sibe nencoko esoloko iqhuba naYe njengoko besiya kwenza kumhlobo olungileyo.

Ngaba unabo ubudlelwane benene, nobembilini noThixo? Xa sizalwa ngokutsha, asiyonto ezenzekelayo ukuba nobudlelwane obutyebileyo noThixo. Kufuneka sibuphuhlise ubudlelwane bethu naYe, ngokwendlela esinokwenza ngayo komnye umntu.

Kwakusekuyiminyaka eliqela ndingumKrestu phambi kokuba ndizimisele ngohambo lwam noThixo. Ndandisiya ecaweni ngazo zonke iiCawa ndinayo nemisetyenzana endiyenza ngokuthanda kwam apho, kodwa enyanisweni uThixo wayengekho esizikithini sobomi bam. Ndandiziva ndilikhamte kwaye ndingazalisekiswa. Ngoku ndicinga ngaYe kuqala xa ndivuka kusasa aphinde abe yinto yokugqibela endicinga ngayo ebusuku. Sidlelana kunye kuyo yonke imini, kwaye akukho nto ndiyifuna njengokukhonzisa uThixo nokuMkholisa.

Emntwini ngamnye kukho umngxuma obunjwe nguThixo isithuba esilikhamte nesinokuzaliswa nguThixo yedwa. Akukho nto unokuyizondelela okanye onokuyinqwenela enokuzalisa loo ndawo. Ndiyakukhuthaza ukuba uzibuze: Ngaba ndizimisele kangakanani ngobudlelwane bam noThixo? Ngaba ndiyakulangazelela ukubeka Yena nentando yaKhe phambi kwezinye izinto? Nam ndingatsho njengoPawulosi kwiZenzo 17:28 ukuthi “kuYe siyaphila, siye apho naphaya sibe ngabantu esingabo”?

UThixo uyakuthanda, kwaye unexabiso kuYe. Wakudalela ukuba ube nobudlelwane naYe. Lo ngumnqweno waKhe omkhulu nentando yaKhe egqibeleleyo ngawe. Uthetha ngelizwi elisebenzayo entliziyweni yakho kusasa yonke imihla, “Molo, ndiyakuthanda.” Ukuba akukaMva esitsho kuwe, khawuncede umamele kwaye ukholwe?

Umhlobo wam ebenomfanekiso kaTata esiya emakhayeni abantu baseMelika xa bevuka kusasa. Ubesiya kubo selungele ubudlelwane bokuthetha nabo. Watsala isitulo etafileni Wahlala. Bavuka abantu, beza, bahamba; beza, baphinda bahlamba. Bamana besithi kuThixo, “siza kuKubona. Khawuhlale apho umzuzwana nje, Thixo. Msinyane ndakuba ndigqibe le ndiyenzayo, ndiza kuthetha naWe. Ndiza kuKuhoya emzuzwini nje, Thixo. Emzuzwini, Thixo, Emzuzwini, Thixo.”

Lwaphela lona usuku. Wahamba uThixo Wawashiya amakhaya Edanile kuba akukho mntu owathetha naYe ngaloo mini. Wonke umntu wayexakeke kangako esenza ezinye izinto ezi-bonwa zibaluleke kangangokuba bangabi naxesha likaThixo.

Musa ukuxakeka kakhulu kuThixo. Ukuba akunathuba lokuthandaza nelokuba naYe, oko kuthetha ukuba uxakeke kakhulu. Zinike ithuba lokuxelela uThixo indlela oMthanda ngayo. Xa sekugqithe zonke izinto, akusayi kusala nto ngaphandle kukaThixo. Kunjalo ke! Kanti xa ungenabudlelwane naYe, mhlawumbi liya kuba likushiyile ixesha lokuqalisa ngabo.

Utata wam usandul' ukulandulela eli, kodwa ndinovuyo ukutsho kuba wamamkela uYesu uMsindisi waKhe kwiminyaka emithathu phambi kokusweleka. Nangona utata wam eye ezulwini, uluphosile ulonwabo lokuphila ubomi bokweyisa kuThixo. Wayesoloko eziphilela. Ungavumi ukufika esiphelweni sobomi bakho uze uzisole kuba ubuchithele kwizinto ezingenamsebenzi ubomi bakho. Ixesha sisipho sexabiso esivela kuThixo, kwaye kufuneka siyiqwalasele indlela esilichitha ngayo elethu. Uyabona, asiphindi silifumane ixesha esilichithileyo. Ixesha esilichithela ekubeni noThixo lingumvuzo ongummangaliso, kodwa zininzi izinto ezinika uvuyo olungelulo ngexabiso eliphezulu.

Ndikucebisa ukuba wenze isigqibo sokuchitha unyaka ozayo ugqalisele kuthando lukaThixo, ufunde izibhalo malunga nothando, ukuze ufunde indlela yokufumana uthando lwaKhe. Uthando lukaThixo luzisa ukwaneliseka, uxolo, ulonwabo nothakazelelo lobomi. Ufuna singabi naxhala koko sonwabele ukuba ngabantwana baKhe. Funda izibhalo ngononophelo ngokuba ungubani Yena ukuze uMazi phucukileyo.

UYohane I 4:16 uthi, “Kuba siyazi (siyaqonda, siyabona kwaye siyakhumbula, ngokuqwalasela nangamava) ngokunjalo siyakholelwa (singqiyame kwaye sibeke ukholo lwethu kananjalo

sithembele) ethandweni asinika lona uThixo.”

Kusenokwenzeka ukuba akuziva uthandwa xa kusekuseni. Mhlawumbi akunamandla kwaye ubona kulula kuwe ukungatyhileki ncam kuyo yonke imini. Iindaba ezilungileyo kukuguqula indlela ozibona ngayo izinto ngokuthi uthethe amazwi enkuthazo angokukholwa. Thetha kuvakale uthi, “UThixo undithanda kakhulu. Ndilukhozo lweliso laKhe, kwaye Unesicwangciso esilungileyo ngam.” Xa unokuthetha ngoThixo nangeLizwi laKhe kunokuthetha ngeengxaki zakho nangendlela oziva ngayo, imini yakho ingajika yonke ilunge.

Thetha nesiqu sakho uzazi ukuba ujikelezwe luthando lukaThixo. IBhayibhile ithi uThixo unomfanekiso wakho awuvambe ezintendeni zezandla zaKhe (jonga kuIsaya 49:16). Ngathi ndiyaMva esithi “Khangelani niyazibona? Owu indlela enibahle ngayo? Ndiyabathanda kakhulu abantwana baM, naba kanye ezandleni zaM.” Usoloko ekugcine apho ukuze akhumbule uthando lwaKhe ngawe rhoqo kwaye usoloko elangazelela ubudlelwane nawe.

Khumbula ukuMbulela uThixo kwaye uphuhlise ubudlelwane obunganqumamiyo naYe. Maxa wambi khawuyeke yonke into oyenzayo uzinike ithuba lokubulela uThixo ngokuba uMazi kwaye uMxelele indlela anguMmangaliso ngayo. Zinza ekuMthandeni uThixo. Incwadi KaYohane I 4:16, 17 ithi “UThixo uluthando; lowo uhleli eluthandweni uhleli kuYe uThixo, noThixo uhleli kuYe. [ubunye nobudlelwane naYe] lugqibelele ngale nto uthando olukuthi ukuze sibe nokungafihlisi ngomhla womgwebo.”

Ukwazi ukuba uyathandwa nguThixo kwenza ukuba uMthembe ubeke ithemba lakho kuYe ngenxa yokuthembeka kwaKhe. Zonke iintsikelelo zakho Anazo ziya kuza ngokuMvumela uThixo ukuba Akuthande ukuze ufumane: ukholo oluthe vetshe, ukoyisa isono, uxolo entliziyweni yakho, ubomi obutyebe ngeziphu zaKhe novuyo. Ezo zinto zinokuza kuphela xa uMvumela uThixo

ukuba akuthande. Kumaxesha amaninzi siyakujika oko sicinge ngolu hlobo, Hayi ke, ndifanele ukuMthanda uThixo. Ndikholelwa ekubeni kufuneka uqale ngokuvumela uThixo ukuba akuthande. Andikholwa ukuba ungakwazi ukubonisa uthando lwakho kuThixo xa ungaqalanga ngokwamkela uthando lwaKhe ngawe. IBhayibhile ithi siMthanda kuba Yena Eqale Wasithanda (jonga eKaYohane I 4:19).

Xa sisazi ukuba uThixo Uyasithanda kwaye silwamkele uthando lwaKhe ngoko ke, siba nobudlelwane naYe. Usenokuzibuza ukuba ngaba umntu ubuqhuba njani ubudlelwane noThixo? UThixo wathi akuthi kum mandibe nobudlelwane naYe, ndahlala nje esofeni yam ndathi, “Ke, uthini ngoku, Thixo?” Kaloku, ndandingazi ukuba ndiza kuba nobudlelwane noThixo njani kuba ngoko ndandingazi ukuba uThixo undithanda kangakanani, kwaye ndingaqondi ukuba Ufuna ukuba ndibe ngumhlobo waKhe neqabane elizinzileyo kuYe. Ngokuya ndichitha ixesha naYe, ndithandaza, ndifunda iLizwi kanti maxa wambi ndithule kubukhona baKhe, ndafunda ukonwabela ubudlelwane noThixo.

Ndiyakukhuthaza ukuba wenze ilinge lokuqalisa. Nika uThixo ithuba, ukuze akufundise indlela yokuMnqula. Akukho sicwangciso endinokukunika sona sokukwenza oku. Andinakuthanda ukuba ube nenyathelo lokuqala, elesibini, elesithathu, njalo njalo. Ndifuna ukhokelwe nguMoya waKhe Oyingewe. UThixo ufuna ukhululeke kuYe ... kaloku, kwabase-Efese 3:17, kuthiwa, intliziyo yakho ilikhaya likaKrestu.

4



UTHANDO, UKUTHEMBELA NOKHOLO

“Kuba kwabakuKrestu uYesu [ukuba sikuYe], akunamandla anto ukwaluka, kwanokungaluki, into enamndla lukholo oluzibonakalisa nolusebenza ngothando.”

- KumaGALATI 5:6

Uninzi lwethu luchitha ixesha elininzi luzama ukuba nokholo. Siyazi ukuba ngaphandle kokholo asinakuMkholisa uThixo (jonga kuMaHebhere 11:6) ngoko ke sizidube ngokusebenza nokuzabalazela ukuba nokholo oluthe kratya. Kodwa ukholo lufanele ukukhula ezintliziyweni zethu ngenxa yobudlelwane nesibuthandayo noThixo nangokuva iLizwi laKhe. Luba khona kuphela ngesityhilelo sikaThixo. Andinakukwazi ukukufundisa ukukholwa, kodwa ndinako ukukufundisa imithetho-siseko yokholo ude ululambele kakhulu kodwa akukho nto unokuyenza ukuze ube nalo. Ukholo sisandla esolulwayo ukuze samkele okuvela kuThixo.

Makhe siyeke ukuzitsalisa nzima kangaka ngokuzama ukuzuza ukholo lokukholisa uThixo, endaweni yoko masiqalise ukuchitha lonke elo xesha lokuziduba kwethu, ngokuMthanda uThixo futhi samkele uthando lwaKhe.

AbaseKorinte II 5:7 bathi, “*Kuba sihamba ngokholo, asihambi ngakubona*; [Siqhuba ubomi bethu siziphathe ngokwemfundiso elungileyo okanye ngokholo nangokuhlonela ubudlelwane bomntu noThixo nezinto ezinobuThixo, sinethemba kwaye sihamba ngobungcwele; ngaloo ndlela siqhube ngokuhamba] *asihambi ngakubona*.” Ndikhe ndathi ndisafunda esi sibhalo, ndeva uThixo ethetha nam izinto ngezinto entliziyweni yam. Wandibonisa ukuba andizi kuncedwa kukuba ndifuna kwaye ndizama ukuhamba ngokholo. Esi siqendu sithi ndiya kukwazi ukuhamba ngokholo kuphela xa ndikholelwa kubudlelwane bam noThixo. Khawucingisise ngalo mba. Zibuze ukuba ububona njani ubudlelwane bakho noThixo. Umntu ozibona engalunganga phambi kobuso bukaThixo akanakulindela ukukwazi ukuhamba ngokholo. Senziwe salunga phambi kukaThixo ngomnikelo onguYesu Krestu (jonga kwabaseKorinte II 5:21). Ukulunga kwethu akuxhomekekanga kwinto oyenzileyo okanye oza kuyenza; kuxhomekeke kwinto eyenziwe nguYesu. Ngoko ke, umntu ocinga ukuba yena uyinto engenaxabiso eyoyisiweyo kwaye akathandwa nguThixo akanakuhamba ngokholo.

KumaGalati 5:6 kuthiwa ukholo lusebenza ngothando. Baninzi abantu abacinga ukuba xa bethanda abanye, ukholo lwabo luza kubasebenzela kwaye baya kufumana abakufuna kuThixo. Nangona uThixo efuna ukuba sibe nothando, asinakukwazi ukwenza oko singekaqali ngomvumela ukuba asithande. Kulula ukukuqonda oku: asinakukwazi ukuphisa ngento esingenayo. Ndizame kwiminyaka emininzi ukubathanda abantu kuba ndisazi ukuba lowo ngumyalelo kaThixo, kodwa ndandisilela qho ndade ndafumana uthando lukaThixo olungakhethi meko andithanda kuyo. Ngenxa yokuziva ndithandwa, lufikelele phucukileyo uthando lwam kwabanye abantu. Xa usazi ngenene indlela akuthanda ngayo uThixo, akusayi kutsala nzima ukufumana uthando lwaKhe nokubona izidingo zakho zifizeka. Isizathu sokuba abantu bangamamkeli kukuba enyanisweni abakholwa, kwaphela, ukuba uThixo uyabathanda kwaye ufuna ukuhlangabeza izidingo zabo abasikelele.

Usenokuthi, “Ndiyafuna ukukholelwa, kodwa njani?” Xa sowunalo uthando lukaThixo phakathi kuwe, inye into efunekayo kukuba uluqaphela xa Elubonakalisa. IBhayibhile ithi, “SiMthanda kuba Eqale Wasithanda” (KuYohane I 2:19). Yinto engenakwenzeka ukuba uthande uThixo xa ungaqalanga ngokuqiniseka ngokuba Yena Ukuthande kuqala.

Uthando lukaThixo lusentliziweni yakho ... phakathi nzulu kuwe. Uya kukwazi oku wakuqala ukuzibona ngendlela Akubona ngayo Yena. Uthi wena ungummangaliso, umhle, uyathandeka, uneziphiwo kwaye uxabisekile kuYe. UThixo Uyakuthanda! Akukho mntu ehlabathini liphelele oya kuze akuthande ngendlela akuthanda ngayo uThixo. Ngokuya usoloko ucinga banzi ngoThando lukaThixo, uya kukhula ekusebenziseni ukholo lwakho uphile ubomi bakho ngokwentando yaKhe.

Akudingi mntu ekwenzeni oku ngaphandle kukaThixo, kodwa Uya kuzisa abanye abantu ebomini bakho. Kanti ukuba ibinguwe noThixo kuphela, ubomi bakho bebungenakuba nangxaki. UThixo uya kuba ngumhlobo wakho osentloko. Uya kuba sisithandwa sakho xa ungenaso. Uya kuba ngumama okanye ngutata wakho xa ungenabo. Uyinto yonke oyidingayo. Ungayenzi impazamo yokucela izinto kuphela kuThixo; cela uqobo lwaKhe kangangoko ebomini bakho. Mcele ukuba Akuzalise ubomi bakho bonke ngaYe (jonga kwabase-Efese 3:16-19).

UThixo uyakuthanda kwaye ufuna ukuhlangabeza izidingo zakho azalisekise iminqweno yentliziyo yakho. Xa uzonwabisa kuYe, Uya kukunika ezo zinto ngendlela yaKhe ngexesha laKhe (jonga Indumiso 37:4). UThixo waxelela uAbraham ukuba Uya kumsikelela kwaye amenze intsikelelo kwabanye. Nantso into uThixo afuna ukukwenzela yona, kodwa khawukholwe! Khulula ukholo lwakho uzikholelwe zonke izithembiso zikaThixo, kuba zenzelwe wena!

Ukholo xa luThelekiswa neMisebenzi yeNyama

Kwabase-Efese 2:8 lithi iLizwi, “Kuba kungobabalo lwasimahla (isisa sikaThixo esingasetyenzelwayo) osindiswa ngalo.” Phofu uyabona ukuba akukho nto oyenzileyo ukuze usindiswe? Uninzi lwethu lwalungaboni abakhohlakeleyo ngoko wayesisindisa uYesu, kanti isipho sakhe sosindiso ngokuqinisekileyo sasingaxhomekekanga emisebenzini yethu emihle okanye kwisakhono sethu sokwenza nayiphi into ngendlela elungileyo. Kwakungenxa yesizathu esinye kuphela: UThixo wenjenje ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama uNyana wakhe okuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuYe bangatshabalali, koko babe nobomi obungunaphakade (jonga kuYohane 3:16).

Ubabalo lungachazwa njengomnqweno kaThixo wokusebenzisa amandla aKhe ebomini bakho ukuze ahlangebezane nezidingo zakho. Kanye-kanye njengoko uThixo, ngobabalo lwaKhe, ekunike ukholo olwaneleyo lokwamkela usindiso, ngenxa yothando lwaKhe uphinde wakunika ukholo lokukholwa malunga nezinye izinto ozifunayo okanye ozidingayo. Mhlawumbi ufuna ukuba abantu bakho abasondele kuwe bamkele uKrestu, kodwa inyaniso yeyokuba akunakukwazi ukwenza omnye umntu ukuba athande uThixo. Unako ukuthandaza ucele uThixo ukuba asebenze ezintliziyweni zabo, kodwa akunakwenza nto ngemisebenzi yakho.

Imisebenzi yenyama yethu, okanye izinto esizama ukuzenza ngamandla ethu, zisoloko zisenza sizive singonwabanga kuba sukuba sizama ukwenza into enokwenziwa nguThixo kuphela. Sithi sisebenza kodwa singafumani ziphumo zihle. Into ekufuneka siyenzile kukuzithoba kuThixo sicele uncedo lwaKhe. KuPetros I 5:5 iBhayibhile ithi uThixo ngokwakhe umelana, akhathaze kwaye aboyise abaziphakamisileyo, kodwa “UnoBabalo (isisa, intsikelelo) kwabazithobileyo.”

Ubabalo lukaThixo lubaluleke kakhulu ebomini bethu.

Sisindiswe ngobabalo ngenxa yokholo kanti kwangayo loo ndlela sisindiswe ngayo sifanele ukuphila ngazo zonke iintsuku zobomi bethu —ngobabalo lukaThixo ngenxa yokholo! Wakuba unesiseko sothando lukaThixo ebomini bakho, ungaqala ukubeka ithemba lakho kuYe. Ungahamba ngokholo kungabi ngokokubona. Uya kukwazi entliziyweni yakho ukuba uThixo uthembekile ukuba azigcine izithembiso zaKhe.

IAmplified Bible ithi ukholo “kukufunda isimosakhosiphelele njengomntu [kuThixo] ngokuba nethemba elingangxengwanga nokuthemba amandla aKhe, ubulumko nobulungisa” (abaseKolose 1:4). Ngokuya umvumela uThixo ukuba akuthande, uya kufunda ukukwenza oko. Xa busiya bukhula ubudlelwane bakho noThixo, nokholo lwakho luya kwanda. Uya kuMbona uThixo esenza izinto ezinkulu kuwe nangawe, ezinye Azenzele wena, kodwa konke kuqalisa ngokufumana isityhilelo ngothando lwaKhe. UThixo Uyakuthanda. Ungaze uyithandabuze loo nto.

5



INKULULEKO YOKUNGABI NOLOYIKO

*“Akukho loyiko eluthandweni; lusuka uthando olugqibeleleyo lulu-
phose phandle uloyiko; ngokuba uloyiko lunexhala; lowo ke woyikayo
akagqibelele eluthandweni. [akakakhuli kwingqibelelo epheleleyo
yothando].”*

- KUYOHANE 1 4:18

Sisenokufikelela kwindawo apho sicinga ukuba sinalo ukholo, siyamthemba uThixo kwaye sibeke ithemba lethu ekubeni Uyasithanda.

Kodwa ngephanyazo, utshaba lusuka lusihlasele.

Iimeko zobomi bethu—izinto ezimbi ezisehlayo—zinako ukululinga ukholo lwethu ngaphezu kwako konke. Abanye abantu abanangxaki yokukholelwa ethandweni lukaThixo zide iimeko zenze ngathi Akasithandi.

Kuxa utshaba lusiza noloyiko nokusigweba ukuze lukwahlukanise neyona nto inokukunceda —uthando lukaThixo. “Ungathini ke ngoku?” xa kusithiwa. “Bendinga ukuba uThixo uyakuthanda. Ngoku kutheni uhlelwa zizinto ezimbi? Inokuba ikhona

into embi oyenzileyo. Ngenene uThixo ukuqumbele.”

Kulula ngamaxesha okulingwa nokutshutshiswa, ngamaxesha angenasisa nabulungisa ukulahlekelwa kukumthemba uThixo. UThixo akasoloko esenza izinto ngendlela esifuna ngayo nangexesha esizinqwenela ukuba Azenze ngalo. Unesicwangciso esingaphaya kwesethu. Ufuna ukusiguqula ngaphezu kokuguqula iimeko zethu. Ngaloo ndlela Ukholisa ukusebenzisa iimeko ezibuhlungu ukwakha ukholo lwethu kuYe aze asancedise ukufunda indlela yokuba sithembe Yena kuphela. Ngala maxesha, kungenzeka singakuqondi okwenzekayo kwaye sisenokuwela emgibeni wokucinga ukuba uThixo Akasithandi. Kukwelo xesha kanye apho sifanele ukukhumbula abaseRoma 8:35-39, apho lithi iLizwi akukho nto inokusahlukanisa nothando lukaThixo kwaye singaphezu kwaboyisi kuKrestu uYesu. Eyona nto ifunekayo sinokuyenza xa sisengxakini kukuthetha silive ilizwi lethu lisithi, “Thixo, ndiyazi ukuba Uyandithanda, kwaye ndiyakholwa ukuba oku kwenzeka ukuze ndiphumelele.”

Maxa wambi uThixo uyalinda angakhawulezi ukusikhulula side sicinge ukuba seligqithile ixesha. Usamkhumbula uLazaro? Wayegula, kodwa uYesu walinda wade wasweleka phambi kokuba aye kumnceda yena nosapho lwakhe. UMartha waxelela uYesu ukuba Wayefike emva kwexesha, kodwa Wayesazi ngokucacileyo ukuba Wenza ntoni, waza wamvusa uLazaro ekufeni ngendlela eyaMzukisa kakhulu uThixo. UThixo usenokungazenzi izinto ngokwesicwangciso sethu samaxesha, kodwa Akasoze Ashiywe lixesha. Xa usengxakini ebomini bakho, gcina amehlo akho kuThixo ukuze ukholo lwakho luvuseleleke. Musa ukuvumela uloyiko nokubhideka kube uthando lukaThixo kuwe.

UYohane 4:18 yivesi enamandla amangalisayo: “Uthando olugqibeleleyo lugxotha uloyiko.” Ndinge ndaphinda ndacamngca nzulu ngesi sibhalo, ndizama ukufumanisa eyona ntsingiselo yaso,

ndaza ngenye imini ndaqonda: uthando olugqibeleleyo lululahlela phandle uloyiko, kanti uThixo ulolo thando lugqibeleleyo. Xa usazi ukuba olo thando lugqibelele kanjani kuwe, akusayi kuvumela uloyiko ukuba lukulawule. Nangona usenokuziva usoyika, uya kuqhuba ngokuhamba noThixo kuba usazi ukuba Usoloko Enawe.

Asiyonto inokwenzeka ukoyika ukusilela xa usazi ukuba uThixo Uyakuthanda. Uyakhululeka ukuzama izinto ezintsha kuba usazi ukuba uthando lukaThixo nokukwamkela kwaKhe akuxhomekekanga emisebenzini yakho. Akunakusilela ukuba uxhomekeke kuThixo. Inye indlela onokusilela ngayo kuxhomekeke kuwe. Izinto zisenokungenzeki ncam ngendlela obuwenze ngayo izicwangciso zakho, kodwa ziya kugqibela ngokuqhuba kakuhle xa amehlo akho uwagcine kuThixo. Ukuba uyazi ukuba uThixo Uyakuthanda, akusayi koyika ukusilela, ukungamkeleki, ukuswela, ubomi obudlulileyo, ikamva okanye nantoni eyiyenye.

Uthando lukaThixo lukhulu kangangokuba luquma yonke into. Ucinga ukuba kwaYena lo Thixo Wakusindisayo Wakukhulula Angathanda Ukukuyekelela ukuba ungaphumeleli? Angakushiya ungakwazi kuncedakala? Usathana lutshaba lwemiphefumlo yethu. Lisela nexoki, kodwa uYesu ufuna ukuba sibe nobomi obuphangaleleyo kwaye sibonwabele ubomi (jonga kuYohane 10:10).

Kwi-*Amplified Bible*, uYohane I 4:18 ufundeka kanje: “Kodwa akukho loyiko eluthandweni [Akukho kungcangazela], kodwa uthando olugqibeleleyo (olupheleleyo, olungenasiphene) lululahlela phandle uloyiko ngokuba uloyiko lunexhala! Kuba uloyiko luzisa ingcinga yokuzohlwaya, ngoko ke lowo woyikayo akagqibelelanga eluthandweni [akakakhuli ngokupheleleyo eluthandweni olugqibeleleyo].”

Kwangoko emva kokuba uThixo endincedile ukuba ndiqonde ukuba uthando lwaKhe lululahlela phandle uloyiko,

ndithathe olo lwazi ndalusebenzisa. Sasikhathazwa yimoto. Sicinga ukuba ingxaki yayo yitransmishini, kodwa sasingenamali yokuthenga enye. Ngoko ke saqhubela phambili, ngethemba lokuba ayizi kugqibela ngokunikezela.

Ndamva uThixo endikhuthaza entliziyweni ngenye intsasa ngala mazwi: “Joyce, khawuchithe olu suku uNdithanda, undivumele naM Ndikuthande. Akukho nto ufanele ukuyenza. Akukho mfuneko yokuzama ukuba ngumntu obhinqileyo wokholo olukhulu. Inye into onokuyenza kukuhlala eluthandweni lwaM.”

Ngoko ke, ndaqala ndacula, ndacinga ngeengoma zokuculela uThixo, ndaba nexesha elimnandi naYe. Ngephanyazo, ndeva umyeni wam egaraji, kwimizuzu engamashumi amane anesihlanu emva kokuba ebeye kusebenza esiza! Wavula umnyango wathi, “Andikwazanga ukuyikhupha kwigiyeri yokuqala. Kuza kufuneka ukuba siyilungise.”

Ndavala umnyango ndaqala ukuhleka. Asiyonto ebendinokuyenza leyo, enyanisweni, kwaye asiyonto endiyenze ndiyicingile leyo ngelo xesha. Yazifikela nje. Ngenxa yokuba bendiMvumele uThixo ukuba Andithande, ndakwazi ukuhleka naxa besijongene nemeko enzima. Ndahleka, ndaqonda ukuba lukholo olo. Ndahleka kuba phakathi entliziyweni yam ndandisazi ukuba uThixo uyasithanda kwaye uza kusinika esikudingayo.

UAbraham wahleka ehlekiswa lukholo. Xa uThixo weza kuye wamxelela ukuba uza kufumana unyana, uAbraham wahleka! Wayesazi ukuba kwakungenakwenzeka, ngendlela eyindalo, ukuba yena noSara babe nosana, kodwa waMkholwa uThixo, lwaze uvuyo lwakhe lwaphuphuma njengentsini.

Ndiyakholelwa ekubeni xa sisenza izinto oko kuvulela uThixo umnyango wokusinceda ngeendlela ezimangalisayo. Ngubani owayenokucinga ngokuhleka xa esengxakini? IBhayibhile

ithi uThixo Uhlala emazulwini kwaye Uyazihleka iintshaba zaKhe (jonga Iindumiso 2:2-4). Ukuba uThixo Unako Ukukwenza oko, nathi singakwazi. Qhuba ngokuhleka uhleke kuba unokholo. Kaloku, uThixo Uyakuthanda. Ukuba uThixo Unawe, ngubani onokumelana nawe.

6



UTHANDO LUYAFIKELELA

“Nguwo lo umthetho (ummiselo, umyalelo, umyalezo) esinawo uvela kuYe; ukuba athi lowo uMthandayo uThixo, aMthande nomzalwana [okholwayo] wakhe.”

- UYOHANE I 4:21

Ungumntwana kaThixo amxabisileyo. Ukuxelela oko kwiDuteronomi 7:6. Xa usazi ngenene ukuba uxabisekile kuYe kwaye uphila ngovuyo nangokuMthemba okuza nalo, ngoko ke oko kuya kuchaphazela ihlabathi elikungqongileyo ngeendlela ezakhayo. Uya kuya kubhazabhaza wevenkile unoncumo ebusweni bakho, ucinga ngokuthi ndiyathandwa. Konke kulungile ebomini bam. Ndinako ukusikelela abanye ngothando endilunikwa nguThixo. Ungahlala wonwabile nokuba uphi, kwaye uvuyo lwakho lungasikelela abanye. Iindumiso 100:2 ithi “masiYikhonze ngovuyo iNkosi!”

Xa siqala siyazi indlela asixabise ngayo uThixo kwisicwangciso sakhe ngokubanzi kunye nendlela esizibona ngayo nesiziphatha ngayo ngokuphathelele kweso sityhilelo, sinako ukwabelana ngoKrestu sibonise uthando lwaKhe ngeendlela ezitsalela abantu kuYe. Xa uthando lukaThixo luqukuqela kuwe uya kukhawuleza uziqonde izidingo zabantu kwaye ube novelwano ngabo. Uthando lwaKhe olungaphakathi kuwe luya kukunika inkululeko exhaleni, kwaye akusayi koyika ukufikelela kwabanye ngothando.

Akusayi koyika ukungamkeleki, okanye ukuxhatshazwa; uthando lukaThixo olukuwe luya kwenza ubone izidingo abanye abanazo uze uzame ukuhlangabezana nazo.

UThixo ufuna ukuba ukholelwe xa esithi Uza kwenza izinto ezinkulu esebenzisa wena kuba uYesu ephila kuwe. Mthembe kwaye ukholwe ukuba Ufuna ukukusebenzisa ukuba uthande kwaye uncede abanye. Khumbula ukuba uthando lukaThixo olugqibeleleyo lulukhuphela ngaphandle uloyiko, ngoko ke musa ukuvumela uloyiko lukuvalele ekusebenziseni ukholo.

Andikwazi nokukuxelela ukuba kukangaphi ndimi “eliweni lokholo,” kanye emngciphekweni wento eyothusayo, kodwa kube ngathi uThixo uthi, “Yomelela, Joyce, yomelela. Ndiza kwenza izinto ezinkulu ngawe. Yomelela.” Ngexesha ngalinye ndingena elukholweni kwaye nditsibele esizikithini salo, uThixo zange andiphoxe.

Uyazi kutheni ndingabi naxhala lokungaphumeleli? Kungenxa yokuba ndiyakholwa ukuba uThixo Uyandithanda. Uyandithanda, kwaye Uyazi ukuba ndiyaMthanda, kwaye ngoBabalo lwaKhe ndinikele ubomi bam ngenxa yaKhe. Xa ukwenzile oko, kwaye uyamthanda uThixo kwaye uyazi ukuba naye Uyakuthanda, akukho ngxaki ungenakuyoyisa ngoKrestu.

Ukuba unomnqweno wenene wokunceda abanye abantu, uThixo uya kukunceda. Akukho sinyanzelo sokuba nesakhono; into efunekayo kukuba ube khona xa uThixo Ekufuna, Yena Uya kukwenza okunye. Usenokubona ngathi iziphiwo onazo azinamsebenzi, kodwa ngelinye ixesha sukuba kufuneka kanye eso siphiwo singathi asinamsebenzi, kuba sisenokuba namandla ngakumbi.

Musa ukuphila ubomi bakho ngokungabacingeli abanye nangokusebenzisa onke amandla onawo uzikise ingqondo kuwe ngokuhlangabeza izidingo zakho. Xelela uThixo into oyidingayo

kodwa emva koko gqalisela kuYe ukuze ukhawuleze uzilandele iindlela zikaMoya Oyingcwele eziya kukukhokelela ekufikeleleni nasekusikeleleni abanye.

Into oyenza ukuba incede omnye umntu, uThixo uya kuyenza ukuba incede wena. Xa unesidingo, “cinga ngokutyala imbewu,” ungabi”ngocinga ngezidingo zakhe.” Oku kuthetha ukuba fikelela kwabanye, uThixo ukwamkela oko njengembewu elinyelwa isivuno osinqwenela ebomini bakho.

Wonke umntu ufuna ukuba nenkqubela, kodwa kufuneka siqonde ukuba iyintoni na eyona nkqubela. Ndithanda ukuyichaza njengesakhono sokusebenzisa isakhono sikaThixo ekuhlangabezeni izidingo esizibona ziphambi kwethu. Uthando lukaThixo luya kukunika isakhono sokubeka izidingo zabantu kuqala. Ucinga ukuba uThixo ukuthanda ngokwaneleyo ukuba angakunika isakhono sokufikelela ngothando kwabanye, nakubo abo kungelobhongo ukubathanda: abanolunya, nabangenambulelo?

Akunzimanga ukuthanda umntu okuthandayo nayo. Kodwa kufuneka sibe nobabalo lukaThixo olwenza ukuba sithande nabo bangathandekiyo. Uthando lukaThixo oluqukuqela kuthi luya kukwenza oko kuba uthando lwaKhe aluxhomekekanga kwiimeko. Sizuzisa simahla kwaye siphisa simahla. Uthando aluzange lwasilela okanye alubancami abantu. Kusenokuthatha unyaka. Kusenokuthatha iminyaka emihlanu. Kusenokuthatha iminyaka engamashumi amabini anesihlanu, kodwa kufanelekile. Ukuba uyoyiswa kukuba nomonde nokuthanda umntu ekungalulanga ukumthanda, khumbula amaxesha uThixo aqhube ngawo ukukuthanda ngokuya ebelinde wena ukuba uMvumele akuguqule.

KwabaseKorinte I 13 sixelelwa ukuba uthando lungumonde, lunobubele kwaye luzithobile. Aluzingeli okukokwalo, alukruquki msinyane, okanye alukhawulezi ukucaphuka. Ezi mpawu zizo uYesu aziphokozela kuthi ngothando lwaKhe, kwaye siyakwazi ukuphinda

ngokuzinikela kwethu senze njalo nathi kwabasentlungwini, abantu abalahlekileyo abalambele uthando lukaThixo ebomini babo.

UThixo Uyakuthanda, kwaye Uthanda bonke abantu abakufutshane kuwe. Uyabathanda, besindisiwe bengasindiswanga, kwaye Ufuna ukusebenzisa wena njengomjelo wokuthulula uthando lwaKhe.

Uze ungoyiki ukuzinikela. Uthando lukaThixo luza kukhulula ekoyikeni nasekuzigwebeni, kwaye lukunike isakhono sokuthanda. Zimisele ukwabelana ngothando lukaThixo nabanye. Unako ukuqala ngokwakha ubuhlobo nabantu. Kuthathele kuwe ukuba nobubele nokuba yintsikelelo ebantwini kuyo yonke indawo okuyo.

Ububele nje bodwa yenye indlela yokubonisa uthando, ngakumbi emntwini osoloko eyedwa okanye olahle ithemba. Mema abantu kwisidlo sasebusuku. Yiba nabantu abakutyelelayo. Baxhawule ngesandla abantu xa ubabulisa kwaye uncume. Mange omnye okanye umxelele amazwi enkuthazo. Nikela ngoncedo olungelo lwamlomo kuphela, njengokukhwelisa umntu emotweni yakho ukuya emsebenzini xa eyakhe imoto isaye kulungiswa. Fikelela kumsebenzi omtsha emsebenzini ubone ukuba akunakumnceda umqhelanise nesixeko na. UThixo unawo umsebenzi onokwenziwa nguwe. Isenokungabi yinto enkulu okanye ebalulekileyo kuwe, kodwa yinto ebalulekileyo kuYe. Abantu babalulekile kuThixo!

Kukho abantu onako ukufikelela kubo. Cela uThixo akubonise iindlela zokufikelela ngothando lwaKhe, kwaye uya kukufundisa.

7



UTHANDO LUKATHIXO LUYA KUKUGUQULA

“Uthando lulapha, ingengakuba samthandayo uThixo thina, ikukuba wasithandayo yena, wamthuma uNyana wakhe ukuba abe sisicamgushelo (umnikelo wokuxolelwa) sezono zethu.”

- KUYOHANE I 4:10

UThixo uyasithanda, kodwa andiqondi ukuba abaninzi bethu banayo ingqiqo eyiyo ngobukhulu bothando lwaKhe okanye ngendlela Asithanda ngayo. UThixo undibonise, ngofundo-nzulu lwam ngesi sihloko, ukuba xa besisazi nzulu ngenene ngaphakathi kuthi, indlela Asithanda ngayo, besiya kuzenza izinto ngendlela eyahlukileyo kuleyo senza ngayo kumaxesha amaninzi.

Khawucingisise ngothando lukaThixo ngawe. Yiyo into eya kukuguqula leyo. Ukuba kukho into ongayithandiyo ngawe, enyanisweni ukwazi nokukholwa ukuba uThixo uyakuthanda ngoku usalinde ukuba Asebenze ngaphakathi kuwe, kuya kukunceda ukuba ulonwabele uhambo lwakho. Ukuba uhlala ukhathazeke ngeemposiso zakho, mhlawumbi akunakuze uguquke. Khumbula ukuba uThixo usebenza ngokholo, kuba ukhlo lwenene lwenza ukuba singene ekuphumleni kukaThixo (jonga amaHebhere 4).

Kubonakala ngathi baninzi abantu abangenabudlelwane bulungileyo neziqo zabo. Abazithandi nje kanti basenokuzicaphukela. Ukuba unengxaki ngendlela oziva ngayo ngesiqu sakho, ndifuna ukukukhumbuza ukuba into oyicaphukelayo zizinto ezimbi ozenzayo, kodwa ungaze uzicaphukele. UYesu wakufela ngenxa yothando lwaKhe olukhulu, kwaye Ufuna ukuba wamkele isipho saKhe esimangalisayo.

IBhayibhile ithi, “Ngokwendlela acinga ngayo entliziyweni yakhe, unjalo kanye” (Imizekeliso 23:7). Ukuba usoloko uziva unganelisekanga ngesiqu sakho ngawo onke amaxesha, akuzamkeli kwaye akuyiqondi indlela oxabiseke ngayo, akunakulufumana uxolo novuyo lukaThixo, kanti indlela ozibona nozenza ngayo izinto iya kukubonisa oko. Kanti oko kwenzeka ngenxa yokuba akukaqiqi ngentliziyo yakho ngenyaniso enamandla, eguqula ubomi eyokuba uThixo ukuthanda ngaphezu kokuba usazi.

UThixo ufuna ukuba uchithe ixesha naYe yonke imihla. Nantso into eya kukuguqula. Ukuba akuMbeki ekuqaleni uThixo, uMbeka endaweni apho Engenakukwazi kukwenzela izinto Afuna ukukwenzela zona. Lixesha labucala olichitha noThixo uMthanda kwaye uMvumela ukuba Akuthande, eliza kukomeleza, likukhaliphise kwaye uvuthwe.

Abantu abaninzi basoloko benezinye izinto abafuna ukuzenza bangaze bazinike ixesha lokwakha ubudlelwane obushushu noThixo. Bayakunqwenela ukuba nobudlelwane naYe, kodwa abaziqeqeshi kwaye bengazikhulisi ngokuziqhelanisa nemikhwa elungileyo enjengokufunda iLizwi nokuthandaza. Ukuba unengxaki yokukwenza oku, thandaza ucele uThixo ukuba akuncede ukuze ukwazi ukuba nalo mkhwa wokuchitha ixesha neYe yonke imihla. Ngokuqinisekileyo yeyona nto ilungileyo esiya kuze siyenze!

Uthando lukaThixo luya kukuguqula. Njengoko ufumana amava othando lwaKhe ngokunjalo ulubona rhoqo, uya kufumanisa

ukuba iminqweno yakho iyaguquka. Uza kufuna ukuba noYesu, Lowo Ukuthandayo. Ukwazi nokuphuhlisa isimo esilungileyo sikaThixo ebomini bethu kufanele ukuba phezulu kuludwe lwezinto ezibalulekileyo. UPawulosi wathi injongo yakhe agqalisele kuyo kukumazi uKrestu kunye namandla okuvuka kwaKhe ekufeni (jonga kwabaseFilipi 3:10). Nceda qaphela ukuba uPawulosi wathi kufuneka azimisele.

Ndifuna ukukukhuthaza ukuba uzimisele ngobudlelwane bakho noThixo. Ungasondela kuThixo kangangoko ufuna; oko kuxhomekeke kubude bexesha ofuna ukulisebenzisa.

IBhayibhile ithi singabameli bakaThixo kwaye uzazisa ehlabathini ngathi (jonga KwabaseKorinte II 5:20). Eso sibhalo sifika sizinze entliziyweni yam sindenze ndifikelele kwingqiqo ehlaziyekileyo ngokubaluleka kokulandela kwethu uMoya kaThixo osikhokelayo njengoko Usebenza ngaphakathi kuthi, usiguqula ukuze silungele injongo kaThixo. Uthando lukaThixo luthululwa ezintliziyweni zethu nguMoya Oyingcwele (jonga kwabaseRoma 5:5). Mamkele, uMonwabele, uMvumele Akuguqule!

FUMANA UBOMI OBUTSHA



Ukuba akumamkelanga uYesu njengeNkosi noMsindisi Wakho, ndiyakumema ukuba wenze njalo ngoku. Thandaza lo mthandazo ngentliziyo evulekileyo, nenyanisekileyo uqalise ukufumana uBomi obutsha akunika bona uThixo kuKrestu.

Tata uThixo, ndiyakholwa kuYesu Krestu ukuba nguNyana Wakho, uMsindisi wehlabathi. Ndiyakholwa ukuba Wafela mna emnqamlezweni, Wazithwala zonke izono zam. Wavuka ekufeni waza ngokwenza njalo, wakoyisa ukufa kunye nengcwaba. Ndiyakholwa ukuba uYesu Krestu uyaphila kungoku nje kwaye uhleli ngasekunene kwaKho. NdiyaKudinga Yesu.

Zixolele izono zam, ndisindise, yiza uphile ngaphakathi kum. Ndifuna ukuzalwa ngokutsha. Ndifuna ukuphilela Wena. Ndiyabulela ngokundisindisa nokundinceda ukuba ndiphilele Wena ubomi obutsha.

Ngoku kholelwa ekubeni uYesu uyaphila entliziyweni yakho. Kholelwa ekubeni uxolelwe, wenziwe walunga ngegazi likaYesu, nokuthi ngenye imini uya kuya ezulwini.

Yiya ecaweni elungileyo apho kufundiswa khona iLizwi likaThixo ukuze ukhule kubudlelwane bakho noKrestu. Siguquka ngenxa yamandla othando lukaThixo nangeLizwi laKhe elisebenza ebomini bethu, ngoko ke kubaluleke kakhulu ukuba siyazi inyaniso yeLizwi likaThixo. UYohane 8:31-32 uthi, “Ukuba nina nithe nahlala eLizwini laM, nokuba ningabafundi bam, inyaniso. Naniya kuyazi inyaniso, yaye inyaniso iya kunikhulula.”

Ndiyaniyala ukuba nibambebele eLizwini likaThixo kwaye

nilityale nzulu ezintliziyweni zenu, kanti ngokwabaseKorinte II 3:18, xa nikhangelela iLizwi, niya kuguquka nibe ngumfuziselo kaYesu Krestu.

Nceda ndibhalele undixelele ukuba uMamkele uYesu, uze ucele incwadi yasimahla ngendlela yokuqalisa ubomi bakho obutsha kuKrestu.

Ngothando,
Joyce

UMTHANDAZO WOSINDISO



UTHixo uyakuthanda kwaye ufuna ukuba nobudlelwane nawe ubuqu bakho. Ukuba akukumamkeli uYesu Krestu njengoMsindisi wakho, ungakwenza ngoku oko. Mvulele nje intliziyo yakho uze uthandaze lo mthandazo...

“Bawo, ndiyazi ukuba ndiKonile. Ndicela ukuba undixolele. Ndihlambe ndicoceke. Ndiyathembisa ukuba ndiza kuthemba uYesu, uNyana waKho. Ndiyakholwa ukuba Wafela mna— isono sam Wasithwala ngokufa kwaKhe emnqamlezweni. Ndiyakholwa ukuba Wavuswa ekufeni. Ubomi bam ndibunikela kuYesu ngoku.

Ndiyabulela, Bawo, ngesipho saKho soxolo nangobomi obungunaphakade. Ndicela undincede ukuba ndiphilele Wena. Egameni likaYesu, Amen.”

Njengoko uthandaze ngentliziyo yakho, uThixo ukwamkele, wakuhlamba waze wakukhulula kwimbophelelo yokufa komoya wakho. Zinike ixesha lokufunda ezi zibhalo kwaye umcele uThixo ukuba athethe nawe xa uhamba naYe kolu hambo lobomi bakho obutsha.

uYohane 3:16

1 abaseKorinte 15:3-4

abase-Efese 1:4

abase-Efese 2:8-9

1 uYohane 1:9

1 uYohane 4:14-15

1 uYohane 5:1

1 uYohane 5:12-13

Thandaza uMcele ukuba akuncedise ufumane icawa elungileyo - nekholelwa eBhayibhileni ukuze ufumane inkuthazo eya kukukhulisa kubudlelwane bakho noKrestu. UThixo usoloko enawe. Uya kukukhokela ngenye imini ngexesha elifanelekileyo kwindlela yokuphila ubomi bendyebo Akugcinele bona!

MALUNGA NOMBHALI



UJOYCE MEYER ngomnye wootitshala behlabathi abaziinkokeli ekuphileni ngokweBhayibhile. Ungumbhali weencwadi ezithengwa kakhulu beNew York Times, iincwadi zakhe zincede izigidi zabantu ukuba bafumane ithemba nokuhlaziywa ngoYesu Krestu. Ngeenkonzozo zikaJoyce Meyer Ministries, ufundisa ngezihloko eziliqela ngokugqalisela engqondweni, emlonjeni, ukutyhileka nokungatyhileki kunye neendlela esizibona ngazo izinto. Isimbo sakhe sokuthetha ngokuphandle siyamvumela ukuba abelane nabantu ngamava akhe engafihli nto kwaye enika imizekelo evakalayo ukuze abanye bakwazi ukusebenzisa olo lwazi balufumeneyo kobabo ubomi. UJoyce ubhale iincwadi eziphantse ukuba yi-100, neziguqulelwe kwiilwimi eziyi-100. Uqhuba iinkomfa ezikweli lizwe nezaphesheya ezingaphezu kweshumi elinesibini ngonyaka ngamnye, efundisa abantu ukonwabela ubomi babo bemihla ngemihla. Kwiminyaka eyi-30 inkomfa yakhe yonyaka yabantu ababhinqileyo itsale umdla wabantu ababhinqileyo abangaphezu kwe-200 000 kuzo zonke iinkalo zehlabathi. Uthando olungazenzisiyo lukaJoyce lokunceda abantu abasentlungwini isisiseko sombono weHand of Hope, isebe leemishini zeJoyce Meyer Ministries, enika inkxaso kwiinkonzozo zokufikelela ebantwini ehlabathini liphelele, kuqukwa nedolophu yakowabo iSt. Louis.